# IMIBALA EFANAYO NGOSUKU OLUNYE!!!!!



**Ithetha ntoni le nto?**
Yinto eqheleke kakhulu ukuba abantu (ingakumbi kumasipala wethu) banxibe imibala efanayo ngosuku olunye. Abaphandilwazi basazama ukuba bafumanise izizathu zoku. Abanye abantu bathi kungenxa yokuba sicinga ngendlela efanayo okanye sinempahla / imibala efanayo. Zonke ezi zinto yingqikelelo nje yabantu - inyaniso isaza kufunyaniswa!





# UMGAQO WONXIBELELWANO NGEKHOMPUYUTHA UHLENGAHLENGISIWE UKUXHASA UKONGEZA IMFUNDO

Kwintlanganiso kaAgasti iBhunga lamkele iinguqu kwiMigaqo kaMasipala yoNxibelelwano ngeeKhompuyutha ukwenzela ukuba abasebenzi bakwazi ukusebenzisa i-intanethi phantsi kwemiqathango ethile kwizifundo zabo.

Kwingxelo eya kwiBhunga kucacisiwe ukuba abasebenzi mababe nolwazi oluthile lomsebenzi ngokoMthetho kaMasipala woLawulo lweZemali kwaye kufuneka beluphuculile ulwazi lwabo ngokongeza imfundo yabo. Izixhobo ze-elektronikhi ziya zibaluleka ngakumbi ekuphumeleleni kwizifundo.

Ngelishwa abasebenzi abaninzi abanazo iikhompuyutha nezinye izixhobo ze-elektronikhi emakhayeni abo kwaye kwezinye iindawo zaseOverstrand ubuxhakaxhaka bonxibelelwano ngeekhompuyutha abunakufakelwa ngemali encinci.

Ngokwenza ukuba iziko likamasipala loqeqesho kwi-ICT neenkonzo ze-intanethi zifumaneke kubafundi umasipala uza kufumana inzuzo eyongezelelekileyo ngokuba amagosa aza kuphucula ulwazi lwawo lokusebenzisa iikhompuyutha kwaye kuvele nenye indlela yoqeqesho eklasini.

## ABAQASHIWEYO




Laurens Strydom, umfundi, kwezenzululwazi




Craig Johnson, Umphathi, Kwezophuhliso lenkcubeko




Rechelle Louw, Umphathi kwinkonzo zobuchule




Madeleine Stoman, unobhala, kwezemali



Carl Oppelt, umthengi, e SCM



Tony Mqikela, umncedisi



Tracy Sampson Umphathi we IA



# IMPUMELELO KWEZEMIDLALO KWIQELA LIKAMASIPALA

Iqela elimele uMasipala waseOverstrand libuye kwi-BETTER TOGETHER GAMES eVostile ngoLwesihlanu, 12 Okthobha, likwimo yempumelelo emva kokuphumelela iimbasa zegolide ekubalekeni i-100m nakwiqakamba nesilivere kwi-relay i-4x100 nakukhuphiswano lwegalufa.

UMcNeill Arendse uphumelele imbasa yegolide emva kokubaleka ngokumangalisayo ebalekela iOverstrand i-100m ngeli lixa kwiqela le-relay ibinguAshley Swartz, uJC Marais, uMcNeill Arendse noEdward Fisher.

Iqela leqakamba ebelikhokelwa nguLlyle Tait, liphumelele itumente ye-super-over emva kokubetha elikaMasipala weBreede Valley phambi kwabaxhasi balo kuba belidlalela ekhaya kumdlalo ophambi kowamanqam laza ladlala neleSebe leZempilo laseStellenbosch kowamanqam.

UBulelani Boto uphume kwindawo yesibini kwigalufa. I-Overstrand itlhathe inxaxheba kwiTouch Rugby, yaza yakhutshwa kwasekuqaleni, kodwa yakwazi ukubetha iqela eliphumelele itumente. Sidlale i-Darts ne-Pool. Imidlalo i-The Better Together linyathelo likaRhulumente wePhondo leNtshona Kapa. Injongo yale midlalo kukukhuthaza ukusebenza kunye phakathi kwamasebe karhulumente noomasipala.



Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Vorentoe/Forward

Indaba 8/2012 SEPTEMBA/OKTOBHA 2012

## INQAKU LOMHLELI

### YENZA UMAHLUKO!

*Egameni labalesi balo lindixesha uPhambili, ndiyanamkela nonke kolu sapho lwethu lwaseOverstrand lukhethekileyo.*

*Xa sele nonyaka uphele ngolu hlobo, ndiqinisekile ukuba abanye benu kungoku nje bayavuma ukuba le nto ibubomi ayisoloko ihamba ngokweminqweno yethu. Abanye bakwavuma njalo futhi ukuba eli lixesha lesivuno apho singabanye sithi sihlole ukuba ingaba ikho na inkqubela esiyenzayo ebomini. Sikwaqonda kwangeli xesha ukuba ikho na imfuneko yokuba sinyuse iikawusi apha naphaya khonukuze siphucule impilo yethu. Nokuba yintoni na ke eyenzekayo phakathi kwezo ndizibaluleyo, kodwa ungaze nakanye wavumela iimeko ophila phantsi kwazo ukuba zikusengele phantsi. Zamela nje ubomi obusingise empumelelweni!*

*Enye yeendlela ezininzi ezisingise empumelelweni kukuba uncame konke ulungiselela abo bangathathi ntweni, mhlawumbi abo bakhubazekileyo. Angekhe ulukholelwe ulonwabo oluzuzayo ngokuthi nje wenze okuhle kodwa egameni lokuphucula impilo nentlalo yomnye umntu.*

*Ndingatsho ke ndithi kule mali siyiqokelele ngokuthengisa iilebhile nje apha phakathi kwethu sisodwa ngama-R3100, sixa eso sithe sanikela ngaso eCamphill njengesipho.*

*Ngethuba lomnyhadala wokubhiyozela iminenga kulo masipala iOverstrand nobuqhubeka ngomhla wama-28 kweyoMsintsi ukuya kweyomhla woku-1 kweyeDwarha kuwo lo nyaka - siye sayandlala yonke imiboniso ngeentengiso zethu, loo nto siyenzela lee namakhaya ethu khon'ukuze sifikelele lula eluntwini. Sinegugu neqhayiya ngeendawo ebesizikhethele zona ukuze sibonise ngesidume ngazo, futhi sizigobha amacala nangendlela yokuzithoba ebesithetha ngayo neendwendwe zethu. Siwuvuyela kakhulu umbono omhle eniwuvezileyo ngomasipala wethu i-Overstrand, sinincoma kakhulu nangokuncama ixesha lenu nize nize kunikela ngoncedo lwenu apho lufuneka khona.*

*Mandithathe eli thuba ndazise ukuba indebe yeyona tafile yemiboniso igqwesileyo ka2012 ifunyenwe licandelo le-IT ngokuzinikela kwalo, ngobuchule balo bokuyila, ngokubanomtsalane, ngokuhambisa umyalezo ebantwini, nangokukwazi ukuthetha nabantu - omdala nomncinci. Sithu huntshu kuni ke! Nanga ningaqhuba nomsebenzi wenu omhle nibonisa ukuba kuninzi esikufumanayo ngalo Masipala, niluveza noncedo alulo kunikezelo ngeenkonzo eluntwini, kunjalonje nabonisa ukuba thina silelona ziko labahlali liphambili.*

*Kuwo onke amacandelo ethu sithi halala ngokubonisa ukuzinikela kwenu, nangokubonisa phandle ukuba xa simanyene sinakho ukwenza izinto ezibukwayo. Ngxatsho ke kuni nonke!*

*Phambi kokuba ndiyeke, mandingalufihli udano endibe nalo ndakufumanisa ukuba babe mbalwa kakhulu abakwazileyo ukuzimasa itonamente yeNdebe kaSodolophu, neyaziwa ngokuba yi-Mayoral Cup Tournament, ebibanjwe ngoMgqibelo umhla wama-27 kweyoDwarha - apho ibinguphantsi phezulu, amaqela amakhulu eswantsulisana kwimidlalo eyahlukeneyo enjengeqakamba, ibhola yomnyazi nebhola yomboxo. Injongo yale tumente ibikukuphakamisa umgangatho weNdebe kaSodolophu kuyo yonke le midlalo ndiyibalileyo. Umgangatho wale midlalo ubuphakame kakhulu. Siyacela ngokuzithoba okukhulu ukuba kunyaka ozayo nisibonise inkxaso yenu malunga nale tumente. Singazivuyela izimvo zenu malunga nendlela esingawukhuthaza ngayo umdla wethu kule tumente.*



**Noluthando Zweni**
***Umhleli/***
***Editor***

# IPHULO LE-BLUE FLAG LISUNGULWE E-GROTTO BEACH

Ukusebenza nzima kunomvuzo! Siyabulela koogxa bethu kwiipaki naselwandle ngokusebenza kakhulu ukususela ekuqaleni kukaDisemba walo nyaka de ibe yimpelaveki yePasika kulo nyaka uzayo uMasipala waseOverstrand uza kuba nakho ukunikezela ngamalwandle amathathu aziBlue Flag - iGrotto, iHawston neKleinmond - kubachithiziholide.



***Overstrand: Marthinus van Schalkwyk, UMphathiswa weZokhenketho, Roderick Williams, uMphathi weeNkonzo zoLuntu eOverstrand, Coenie Groenewald, uMphathi kaMasipala waseOverstrand, noCebakhulu uPieter Scholtz, iBambela-Sodolophu waseOverstrand.***

Sinikwe newonga elikhulu ngabaququzeleli beBlue Flag – ngoLwesine, 11 Okthobha 2012 eGrotto Beach kusungulwe iphulo likazwelonke. IGrotto lulwandle olunelona wonga leBlue Flag elide elingaphazanyiswanga kweli lizwe.

IGrotto lulwandle oluyiBlue Flag iminyaka eli-11 kweli-12 yokuqala kwenkqubo edume kakhulu yeBlue Flag eqhutywa nguBlue Flag South Africa. Kulo nyaka kuphumelele amalwandle angama-36 nee-marina ezi-4.

Kuqaliswe ngezikhitshana zokuhamba xa kubukelwe iminenga nezinye ezibini izikhitshana, Whale Whisperer (Dyer Island Conservation Trust, eGansbaai) noMiroshka (Southern Right Charters, eHermanus), nto leyo enokukhokelela ekuwongweni ngeBlue Flag ngenxa yokulungiselela ukubuka iminenga eyinto ehambelana nomgaqo wokusingqongileyo (Environmental Code of Conduct).


UMphathiswa weZokhenketho, umnu. Marthinus van Schalkwyk, oosodolophu, abaphathi boomasipala nabalawuli bamalwandle aneBlue Flag abasuka kulo lonke ilizwe namagosa aphezulu asuka kumasebe karhulumente wamaphondo nakazwelonke apho amkelwa liBambela-Sodolophu waseOverstrand uCebakhulu uPieter Scholtz.

Ukongeza kubuhle bale mini kube kho umbonisi we-drill usenziwa liqela labasebenza ngemililo kwaculwa umhobe wesizwe yiZwelihle Marimba Band.

Umququzeleli walo msitho ube namagingxigingxi esingawabonanga ingakumbi xa umntu obemele kuzisa izitulo neetafile engazizisanga! Kuyo yonke loo nto wonke umntu utsale kunye kangangokuba abalawuli beBlue Flag bathe lo msitho ube yimpumelelo engenamlinganiselo.

Ibinokuba yintoni enye esiyifunayo xa ulwandle oluhle kangako lufumene usuku oluhle kangako emva kobusika bezanzwili.

## IIMVIWO ZEMATRIKHI 2012



*Uninzi loogxa bethu babhala iimviwo zematrikhi kulo nyaka, eneneni ngoonyana neentombi zabo ezibhalayo kodwa njengoko sonke sisazi oku kwenza ukuba wonke umntu ekhaya athathe inxaxheba.*

*Kwabo babhala imatrikhi nakubazali babo uSodolophu waseOverstrand u Nicolette Botha-Guthrie ube nomyalezo owodwa wokukhuthaza:*

*Iminqweno emihle kubo bonke abendawo yethu ababhala imatrikhi abangenela iimviwo zabo zokugqibela ngoku! Luviwo olukhulu mhlawumbi olona lubalulekileyo kuninzi lwenu. Kuza kufuneka niziphathe kakuhle kakhulu nisebenze nizijule ijacu! Sikholelwa ukuba emva kweminyaka elishumi elinesibini uxhotyiswe ngokwaneleyo ukuba ukwazi ukujongana nemingeni! Sinqwenela ukuthi sininqwenelela konke okuhle kungekuko nje kwiimviwo koko kumalungiselelo enu eemviwo. Akwaba ningangqongwa ziimeko ezivumela ukufunda nikwazi ukwenza konke okunokunenza niphumelele. Zanga iintsapho zenu, abahlobo benu nezikolo zenu zinganixhasa zinikhuthaze njengoko sinqwenela ukwenza njalo ngalo myalezo.*

*Sininqwenelela onke amathamsanqa. Nincede ningalibali ukusazisa ukuba iziphumo zithini ngoJanyuwari 2013!*

# UKUVELISA ABETHU OOSOMBANE



***Christopher Solomon Gillion, Puluko Walter Ponoane & Charl Ian Naudé***

Ukusuka ekubeni ngumsebenzi nje ukuya ekubeni ngusombane: abathathu boogxa bethu balisebenzisile ithuba abalinikiweyo kangangokuba kwintlanganiso yeBhunga yangoAgasti iCandelo leZombane lazise ngebhongo oosombane "bethu" kuSodolophu olawulayo nakuMphathi kaMasipala.

Kodwa uChristopher Solomon Gillion, uPuluko Walter Ponoane noCharl Ian Naudé baya kukuqinisekisa ukuba kufuneke besebenze ngaphezulu kunokuba bebenokwenza ukuze bazifumane iziqinisekiso zabo. Nanga amabali abo:

UChristopher waqashwa ngomhla wo-1kaOkthobha 2007 njengomsebenzi nje wesiqhelo.

Phakathi kukaFebruwari 2008 noMatshi 2009 uMasipala wamthumela ukuba aye kugqibezela iimodyuli 0 ukuya 6. Ngomhla wo-1 Epreli 2009 waqashwa njenge-special worksman waza ngomhla wo-1 Matshi 2011, waqashwa njengosombane kuMasipala waseOverstrand emva kokuba ephumelele uvavanyo lwakhe kweli khondo. UChristopher uthi uyalivuyela ithuba lokuba azikhulise akhulise nabanye kuMasipala waseOverstrand omncede ukuba ayifikelele into abeyijongile kwaye uya kusoloko emhloniphile lo masipala.

UPuluko waqala ngomhla wo-1 Matshi 2010 ukusebenza kuMasipala waseOverstrand esebenza njengomsebenzi oqashelwe umsebenzi owodwa. UMasipala wamtyumbela ukuba aye kugqibezela iimodyuli M0 ukuya M6 waza emva kokuphumelela uvavanyo lwalo msebenzi waqashwa njengosombane ukususela ngoJanyuwari 2012. UPuluko uyalibulela eli thuba alinikwe nguMasipala waseOverstrand lokuba agqibezele izifundo zakhe.

NoCharl waqala ukusebenza kuMasipala waseOverstrand njengomsebenzi oqashelwe umsebenzi owodwa ukusukela ngomhla wo-1 kaMatshi 2010. Watyunjelwa ukuba aye kufunda phakathi kukaJanyuwari noJulayi 2011. Emva kokugqiba izifundo zakhe ze-M0 ukuya M6 waphumelela novavanyo lweli khondo waqashwa njengosombane ukusukela kuJanyuwari 2012.

UCharl uthi ibe ziinyanga zokusebenza nzima nokuzinikela kodwa ekugqibeleni kube luncedo ukuhamba olo hambo. Naye uyambulela uMasipala waseOverstrand no-ESETA ngethuba elikhulu elinganyanwayo ngabantu abatsha abaninzi kwezoshishino.

# IVEKI YENCWADI YELAYIBRARI KAZWELONKE: 3 - 8 SEPTEMBA 2012



*nguBelinda May, uMiralda Coert, uCharmaine Sitemela, uWilma Gardiner, uJoslene Alexander noMphathiswa weZemidlalo neNkcubeko.*

Iveki kaZwelonke yeNcwadi ibhiyozelwe kwiilayibrari ezintathu kule ndawo yethu: eZwelihle, eMount Pleasant naseHawston.

Abasebenzi bezi layibrari zintathu bebekunye namagosa asuka kwilayibrari yePhondo xa besenza izinto ezifana nokuqaba ubuso, ukubalisa amabali, imiboniso-bhanyabhanya, imisebenzi yobuchule bezandla neyenkcubeko.

Imiboniso-bhanyabhanya emhlophe namnyama ivuselele iinkumbulo ingakumbi kubantu abadala eHawston, kodwa kubantwana ibiyinto entsha.

Zonke ezi zinto bezisenzelwa ukubonakalisa ukubaluleka kokufunda.

UGqr Ivan Meyer, uMEC weZobuchule neNkcubeko waseNtshona Kapa ovule le Veki yelayibrari kaZwelonke eZwelihle Library, ucele umngeni kwiOverstrand ukuba yongeze abanye abafundi-zincwadi abangama-5000 kweli nani likhoyo elingama-40 000. Uhlutshwa ngokungakumbi ngabantwana abangafuni kufunda konke watsho esithi makukhuliswe ukuthanda ukufunda kwaba bantwana. Uthe umntwana ofunda iincwadi ufumanisa uthando lokufunda.

USodolophu oBambeleyo uPieter Scholtz kweyakhe intetho woleke wathi uluntu olufundileyo luzala isizwe esifundileyo. Oku kungakhokelela ekucutheni ubundlobongela uluntu lukwazi ukuxoxa nokuzithetha izinto zalo. Oku kubalulekile xa osemagunyeni eza kuthetha noluntu olunganelisekiyo yinto ethile kwiinkonzo zikamasipala.

Umxholo walo nyaka ubusithi, 'stay connected @ your library'.



# ULWAZI SISIXHOBO

UZingane Tshefu oligosa eliphezulu kukhuseleko (Senior Law Enforcement Inspector) akazenzeli igama nje yena njengomqeqeshi koko unceda iCandelo leZokhuselo ukuba lifikelele injongo yalo yokwenza uluntu lwazi ngemithethwana kamasipala.

Ukususela ngoLwesihlanu, 31 Agasti ukuya ngeCawe, 2 Septemba, uTshefu wenze uqeqesho kwiGansbaai Neighbourhood Watch. Amalungu angama-22 e-neighbourhood watch ebekho kolu qeqesho anikwe iziqinisekiso zokuba kho kolu qeqesho.

Nangona bevavanyiwe kulwazi abalufumeneyo abafundi baza kulandelwa ukwenzela ukujonga ukuba bayiqondile na into ababeqeqeshwe kuyo. Olunye uvavanyo iza kuba kukuqwalasela izikhalazo kwindawo yabo ze uSnr Insp Tshefu afunde iingxelo zabo ajonge ukuba bayisebenzisile na into abebafundise yona.

Unoluvo lokuba uMasipala kufuneka exhobise uluntu malunga nemithetho efakelelwayo aphucule nolwazi lokusebenzisa umthetho wamapolisa. Injongo kukwenza abantu bazi ngokuphazanyiswa kwemithetho okunokwenzeka nokufumana intsebenziswano ekuphepheni oku endaweni yokuvela nje kusetyenziswe umthetho.

Umnu. Tshefu wenza olu qeqesho nje ngenxa yokuthanda uluntu nokuzama ukuba ngumkhonzi olungileyo kaMasipala. Kananjalo uyakholelwa ukuba ulwazi sisixhobo. Uluntu olunolwazi luluntu oluphumelelayo. Ezi zifundo ziya kunatyiselwa nakwezinye iindawo zaseOverstrand.

UMnu Tshefu Umsebenzi onguye kaMasipala

# ABASEBENZI BABULELWE NGEGALELO LE-BLUE DROP



Inkqubo esemagqabini yaseOverstrand yalo nyaka kuvavanyo lweBlue Drop ibhiyozelwe ngomhla we-13 Septemba 2012 ngetheko lokubulela kwigosa ebelijongene nalo mcimbi kwi-Ofisi kaSodolophu.

KwiNkomfa yaminyaka le yeDrinking Water Quality ebiseKapa uMasipala ufumene iimbasa ezintlanu zeBlue Drop nembasa yaseFranskraal Water Purification Plant ebonwe njengeyona ikowona mgangatho uphezulu eMzantsi Afrika.

Amaziko amabini eBlue Drop afumene imbasa yesilivere kuba ayifumene kwada kwakabini kulandelelana imbasa yeBlue Drop.

Inqanaba leOverstrand kuzwelonke kulawulo lwamanzi okusela linyukile ukusuka kuma-24 ukuya kwi-12 kwaye singabesi-5 kwabona benze kakuhle apha eNtshona Kapa.

Uvavanyo lweBlue Drop lwenziwa liSebe leZamanzi. Kujongwa yonke into ephathelele emanzini. Zilishumi izinto eziphambili ezijongwayo kuze kubekho ezingama-26 ezingaphantsi kuquka ulawulo lomngcipheko, ukusetyenzwa kwamanzi, iinkqubo zokuwajonga amanzi, ukuxilongelwa umgangatho wawo, ukungeniswa kweenkcukacha kwisebe, ukwaziswa kweziphumo nolawulo lwempahla kamasipala.

Eli lityeli lesine kusenziwa olu vavanyo ngako oko sikhona isiseko sokuthelekisa. Umasipala ngamaziko akhe asibhozo ufumene ama-96,5% kolu uvavanyo kuthelekiswa nama- 90,5% (2011), 66% (2010) nama-42.5% (2009).

Iziphumo zimi ngolu hlobo: Greater Hermanus (Preekstoel) 97,93% (zinyuke ukusuka kuma- 87,23%), Buffels River (Hangklip) 95% (ngaphantsi nje kancinci kwezangaphambili ezazingama-95,07%), Kleinmond 95.27% (zinyuke ukusuka kuma-93,09%), Stanford 92.73% ( zihlile ukusuka kuma-95,15%), Greater Gansbaai (Franskraal) 97.12% (zinyuke ukusuka kuma-95,1%), Buffeljagsbaai 93.81% (kukho ukuphucuka okubonakalayo ukusuka kuma-75,37%), Baardskeerdersbos 91.57% (zihle kancinci ukusuka kuma-93,68%) nePearly Beach 95.22% (zinyuke ukusuka kuma-94,31%).

Kwintetho yakhe uBambela-Sodolophu uCebakhulu uPieter Scholtz uthe ujonge olo suku eziya kuze zonke ezi ndawo zisibhozo zifumane iwonga leBlue Drop kwaye uchulumancile kukuphucuka kwamanqanaba.

# IQHUBA KAKUHLE INDLELA ENTSHA YOKUPAKA IZITHUTHI



Ngomhla wesi-3 Septemba 2012 ulawulo lwenkqubo yokupaka izithuthi kumbindi wedolophu (CBD) yaseHermanus luthatyathwe nguMasipala waseOverstrand kodwa ngokweengxelo yabalawuli sekukho ukuphucuka kwemeko.

Siyalamkela iqela elitsha labancedisi ekupakeni izithuthi kwaye sijonge phambili ekusebenzeni nabo kumasipala siliqela. Kubalulekile ukuba sibahloniphe oogxa bethu kwaye sibahloniphe singabaxhaphazi kule nkonzo bayinikezelayo.

Ngumsebenzi wabo ukubiza intlawulo nakumagosa kamasipala xa esebenzisa iindawo zomisa izithuthi xa esebenzisa izithuthi zawo zabucala. Kuxa usebenzisa isithuthi sikamasipala kuphela apho ungahlawuliyo kwaye uvelise i-sticker osifumana kwi-ofisi kamnu. Paul Pfister.

Umsebenzi wabaxhasi xa kupakwa ababesaya kwaziwa njengee-mashali kukuba babonelele ngenkonzo enembeko nengenamagingxigingxi. Kuphuculwe nomgangatho wempahla yabo yokusebenza ukwenzela ukuba babonakale ngokukhawuleza kwiimoto ezizayo.

Kwiindlela ezintsha i-Park, Pay and Display kufuneka umninisithuthi ahlawule kuqala ukwenzela ukuba abaxhasi bakwazi ukujonga nezinye iimoto ezifuna ukupaka. Asiyondlela intsha le njengoko kwiindaba ezininzi abanini-zimoto babekhuthazwe ukuba benze oku ukususela ngowama-2010 ke lo myalezo uxhaswe ziimpawu zendlela ezintsha ezichazayo.

Ukuba umninisithuthi ufuna ukongeza ixesha lokupaka unokongeza athenge kumxhasi engakhange ayisuse imoto yakhe. Abo banqwenela ukupakisha ixesha elide bayakhuthazwa ukuba basebenzise indawo yokupaka efelefele engaphandle kwi-CBD. Ngaphaya koko kuza kuba kho indawo yokupaka efelefele ngexesha elingaxakekanga. Ezi ndawo ziza kuba seMarine Drive naseGearings Point. NgeeCawe nangeeholide zenkolo kuza kupakishwa felefele.

Amaxabiso neeyure awatshintshanga ngaphandle kwangoLwesihlanu emva kweye-15:00.

Injongo ephambili kamasipala kukuququzelela ukupaka izithuthi nokugcina inkonzo eyiyo eza kukhuthaza ushishino nokhenketho kule ndawo. Ngentsebenziswano yomntu wonke oku kungenzeka ngokukhawuleza utshilo uMnu Paul Pfister, umlawuli weprojekthi.

Siyabamkela abancedisi kwiindawo zokupaka izithuthi kwaye sibanqwenelela onke amathamsanqa ngethuba benceda abahlali bethu.





# IMINCILI & USIZI

## Usuku lokunxiba nje lube yimpumelelo

Ukuthatha inxaxheba kwizinto zikamasipala yenye indlela yokuqinisa ubudlelwane phakathi kwabasebenzi nokudibana nabanye abantu abasuka kwezinye iindawo. Usuku lokunxiba nje lwalo nyaka lunike ithuba elilelinye kubasebenzi lokuba benze into nto leyo enike abanye ithuba lokubona italente efihlakeleyo!

Umxholo wosuku lokunxiba nje lwalo nyaka ubusithi, 'Khwela enqwelweni' 'Get on Board'. Abantu beze nezimvo ezahlukeneyo nezindululo zezinto abafuna ukuzenza ngolu suku. Ayiloqonga lingqongqo – ukuba abantu bafuna ukwenza nantoni na eyolisayo bavumelekile kulo msitho. Into engamandla kukuba wonke umntu athathe inxaxheba.

Kulo nyaka uzayo sinqwenela ukucela abalawuli babasebenzi bangaphandle ukuba babakhuthaze abasebenzi ukuba bathathe inxaxheba kulo msitho. It is not for office staff only Ayingomsitho wabantu abasebenza e-ofisini kuphela lo. Kukho intlawulo ye-R10.00 kuhlawulelwa i-sticker imali iye kwingxowamali yabantu abakhubazekileyo. Sicebisa ukuba uqale kwangoku ukugcina imali yokuthenga i-sticker salo nyaka uzayo.

Njengakwiminyaka engaphambili abasebenzi bagqibe ekubeni banxibe ngokwendlela umxholo wosuku okhokela ngayo. Abanye baphakamise ukuba isebe ngalinye linxibe ngendlela eyahlukileyo kweyelinye kwenziwe ukhuphiswano ngokwesiqhelo. Le nto ihambe kakuhle kakhulu njengoko ibonwe ngabanye abasebenzi nezinto ezenziwe ngolu suku.

Egameni lesikolo iCamphill sibulela kuye wonke umntu othathe inxaxheba wanegalelo kunyuso-ngxowamali yabantu abakhubazekileyo sinethemba lokuba niza kuqhuba nizixhasa izinto ezilolu hlobo nakwixa elizayo.



Ezemali



uyilo lwedolophu



Gansbaai



Gansbaai



Stanford

## UTHANDO LUNGAPHEZU KWENTO YONKE



*Georgia & Glen Bucchianeri*


NgoMgqibelo, umhla we-15 Septemba 2012 uGeorgia Willemse uMlawuli kwi-ofisi yebhajethi utshate noGlen Bucchianeri. Umtshato ubuseHermanus. Uthi:

Uthando, ulonwabo nokuhleka ngamagama amathathu endiwasebenzisa ukuchaza usuku lomtshato wethu! Ukuba bendingaze ndiphinde bendingenakuze nditshintshe nto! Umtshato wethu ubufana nathi kuba siye sazimamela akwabikho namnye omnye umntu esimmamelayo xa sithatha izigqibo ngento esiyifunayo ngosuku lwethu olulodwa!

Kwabasaza kutshata ingcebiso: 'Wenzeni umoya ube mhle enye nenye iza kuzenzekela'.

## EMVA KWEMINYAKA EMIHLANU BABUTYWINA UBUHLOBO

Ngomhla we-10 Matshi 2012 uCeleste Fortuin (neé Seconna), uMabhalana kwiSebe lokuhlawulwa kweeRhafu utshate noHilmer kwicawe iShalom eHawston. Ubalise wenjenje ngolu suku lwakhe lubalulekileyo: Andizange ndicinge nakanye ukuba lo mfo uya kuze abe ngumyeni wam xa sasidibana kwiminyaka emithandathu eyadlulayo. Ngomhla we-10 Matshi 2012 sibhiyozele iminyaka emihlanu sikunye saza satshata. Umtshato wethu ubukusasa ngemini entle ezolileyo kwicawe iShalom saza emva koko saya kwiHolo lemiBhiyozo saya kutya neentsapho nezihlobo zethu. Ezam izinongo zomtshato ophilileyo lunxibelelwano, uthando, imbeko nokunyaniseka!



*Celeste & Hilmer Fortuin*

## Ngamawele



*Amawele amancinci kaVicky Batha*

Ngomhla we-19 Septemba uVicky Batha, osebenza njengomcoci eWhite House, ulizwe ngamawele amahle kakhulu, inkwenkwe nentombazana! Ngenxa yeengxaki zokukhulelwa uye walaliswa esibhedlele kwangomhla we-15 Septemba. Ovele kuqala nguLihlumile (inkwenkwe) kwaza emva kwemizuzu eli-10 walandela udadewabo uAhluma! UVicky akakwazi ukuluchaza uvuyo analo ngokufumana kwakhe ezi ngelosi. Uyavuma ukuba akuzi kuba lula ukubakhulisa kodwa uza kujongana nalo mngeni!

## YAVELA ENYE INDODANA!



*Marzaan Thoresen, Ricky, Josh & Emile*

Usana oluyinkwenkwe oluhle lukaMarzaan Thoresens (uMabhalana kuSekela-Mlawuli: IiNkonzo zoLuntu) lubelekwe ngoqhaqho ngoLwesithathu umhla we- 3 Okthobha 2012, eMedi-Clinic eHermanus. Bamthiye igama lokuba nguJosh. Umyeni kaMarzaan usebenza njenge-plumber kwezaManzi noGutyulo-lindle: IiNkonzo zoLuntu. UJosh uvele ebunzima bu-3.565kg. Olu sapho lwakwaThoresens sele lunaye unyana ogama linguEmile obudala buyiminyaka emi-4.

Xa bendibatyelele emzini wabo eCaravan Park babalise ngothando abanalo kubantwana babo batsho besithi bazama kangangoko ukuba usapho luyizuze into elimele kuyizuza. Sibanqwenelela konke okuhle ngosana lwabo sithemba kananjalo ukuba uJosh uza kuza nethemba, uthando nolonwabo kusapho lonke!

**INTENGISO***

E-Overstrand family siyakuthanda ukuncedana kodwa kufuneka sazi ukuba simele kwenza ntoni. Le yinjongo yalo mhlathi wethu weentengiso. Masazi xa ufuna ukuthenga, ukuthengisa, ukutshintshisa okanye uku-renta into. Xa sikhona isithuba kwiPhambili siya kukupapashela. Fonela uNoluthando Zweni ku-8911 okanye kuGroupwise.

**ISIQHOLO SOMZIMBA (IPERFUME)**

U-Elvida Beukes kwaHR uthengisa isiqholo somzimba.
Ungamfonela ku- 8122 okanye 082 548 9105.

## Ha-la-la-la!!!!



Sinqwenelela uThembi noBuli Plaatjies konke okuhle, ulonwabo, bahleke sibanqwenelela intsikelelo yoozankoyinkoyi!

*UBuli (uBulelwa Mbane) nguMlawuli e-ofisini eHermanus*